# ISAZISO NGOKWECANDELO 33 LOMTHETHO ONGOBURHULUMENTE BOMMANDLA ONGOLAWULO LWEZIMALI ZIKAMASIPALA ONGUNOMB.56 WANGO 2003

**KE NGOKO KUKHUTSHWA ISAZISO** ngokwecandelo 33 loMthetho ongobuRhulumente bommandla ongoLawulo lweziMali zikaMasipala onguNomb.56 wango2003, sokuba uMasipala weNqila yeSixeko saseKapa ("iSixeko") unenjongo yokungena kwikhontrakthi emalunga nokubonelela, unikezelo nokufakelwa kweenkqubo ezintsha zokucupha ubusela/ukubiwa nokunonotshelwa kweenkqubo zakalokunje ezingokucupha kokubiwa (kobusela), zeSixeko saseKapa. Ikhontarkthi le iyakuthi inyanzelise iimbophelelo ezingezimali kuMasipala kwisithuba esingaphezulu kweminyakamali emithathu (3). Uvakaliso luvo loluntu ngokumalunga nekhontrakthi le iluyilo, lulungiselelwe ngezantsi apha:

**KWAKHONA KUKHUTSHWA ISAZISO** ngokwamaCandelo21A nelama21 oMthetho ongobuRhulumente boMmandla ongoLawulo lweeNkqubo zikaMasipala ongunomb32 wango2000, sokuba:

a. Uluntu lasekuhlaleni nabanye abantu abanomdla, bayamenywa ukuba bangenise izimvo okanye iingxelonkcaza kwiSixeko ngokujoliswe **kubonelelo, unikezelo nokufakelwa kweenkqobo ezintsha zokucupha ubusela (ukubiwa) nokunonotshelwa kweenkqubo zakalokunje ezingokucupha kokubiwa/kobusela, zeeNkonzo zeThala leeNcwadi noLwazi kwiSixeko saseKapa**, ngowama 28 kweyoMdumba (Febhuwari) 2025, kusetyenziswa imbalelwano engezobuchwepheshe kwidilesi yeimeyile enikezelwe ngezantsi apha okanye inikezelwe/ihanjiswe kwidilesi yeposi/yendawo enikezelwe ngezantsi apha.

b. Iikopi zekhontrakthi eluyilo nengcaciso yengxelo esisishwankathelo soxanduva lweSixeko ngokwezivumelwano eziluyilo, ziyafumaneka ukuba zihlolwe kwiiofisi zebhungana nakwizakhiwo zeSixeko zamathala eencwadi kunye nakwiwebhusathi yeSixeko esesikweni engu www.capetown.gov.za.

c. Iinkcukacha ezingezinye nengcaciso, zingacelwa, usebenzisa i-imeyile engu Phillipus.VanDerWalt@capetown.gov.za kwaye ziya kuthi zifumaneke kule webhusayithi sele ikhankanywe ngentla apha.

**IDILESI YENDAWO**
UMphathi weSixeko
IOfisi engokuNgeniswa kweeThenda
kuMgangatho wesibini, kwiZiko loLawulo leeNkonzo zoLuntu laseKapa
12 Hertzog Boulevard, eKapa, 8001

**ENGOKUPOSA:**
Dr Flippie van der Walt
Old Abattoir Building
53 Berkley Road
Ndabeni
Cape Town
7405
**Ngeimeyile:** Phillipus.VanDerWalt@capetown.gov.za
**Umnxeba:** 021 444 0474

**Izingeniso kufuneka ziphawulwe: "CONTRACT NO. 028S/2024/25 supply, delivery and installation of new book theft detection systems and the maintenance of existing book theft detection systems for The City of Cape Town - Section 33 process"**

IYunithi yeSixeko engeNtathonxaxheba yoLuntu iyakuthi incedisane nabo bantu bangenakho ukufunda okanye ukubhala, abo bakhubazekileyo nabo bahlelelekileyo apho bangenakho ukungenisa izimvo ezibhaliweyo ukuba ifumane izimvo okanye izilungiso zabo ukuze zirekhodishwe kwaye zingeniswe kwiSixeko. Qhagamshelana noAnathi Dywili kwa021 400 9825 okanye uimeyilele Anathi.Dywili@capetown.gov.za.

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**UMPHATHI WESIXEKO**
CTA17/2025

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.